



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2012

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P1

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 12.

IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:
2. ICANDELO A – UVAVANYO LOKUQONDA (30)
ICANDELO B – ISISHWANKATHELO (10)
ICANDELO C – ULWIMI (30)
3. Funda yonke imiyalelo ngocoselelo.
4. Phendula yonke imibuzo.
5. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
6. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
7. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
10. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

Funda eli nqaku lingezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

1. “Nokuba kunjalo mntwan’am ndiyamthanda uyihlo. Nokuba uyintoni na ndiyamthanda kwaye akakho umntu endiya kuze ndimthande njengaye. Nokuba singemka apha ndingasoloko ndizimela kuwe ndize kumbona, incede ntoni ke loo nto? Ngaphezulu ndisoloko ndinethemba elingafiyo lokuba ngenye imini usaya kuyiyeka le nto ayenzayo sihlalisane ngoxolo kulo mzi. Elo themba alifi nokuba sele endibetha kangakanani na. Masimnike ithuba, uza kujika mntwan’am.” Uthe uNodita engekamphenduli uWeziwe zvakala izingqi zikaSpido esiza. “Nodita, yiya egumbini lakho. Utata wakho makafike usegumbini lakho.”
2. Ungene nje uSpido waluvala ucango. Ukrobe ngentunja yesitshixo socango uNodita. Uthe esakrobe njalo ngomdlakazi ukuba kwenzeka ntoni kwelo gumbi, lwavuleka ucango, waphuma uSpido engxamise waya kwigumbi lokuphekela. Ubuye waphuma apho sele ephethe isitya esikhulu esinamanzi. Emva kokuba engenile egumbini labo, elushiya luvulekile ucango, uNodita uve ngengxolo yamanzi kucaca ukuba uSpido uwawahlaza entweni ethile. Kwa oko uNodita ucinge ukuba unokuba unina uthe ngokukhathazeka wavukwa kukuwa kwakhe. Ucinge ukuba uSpido unokuba umgalela amanzi ebusweni khona ukuze aqabuke. Uthe akucinga ngolo hlobo akabi nakuzibamba, waphuma waya ngqo kwelo gumbi labantu abadala. Ufike wangena wema ezantsi kwebhedi, walaqaza. Umbono awawubonayo kwelo gumbi wamtsho wothuka. Unina uWeziwe, wayethe tywaa ukulala ngomqolo phezu kwebhedi, iingalo zijinga macala iingubo zazithe saa phantsi, eze bhushu. Amehlo ayethe gqa ukujonga entungo nolwimi luthle nyeke ngaphandle. Wayengaqhwanyazi, engaphefumli. Intloko, ubuso nesifuba zazisithi tixi bubumanzi. USpido wayemi bucala ethe qhiwu eso sitya wayengene naso apho singasento. Emqaleni uWeziwe wayeneendawo ezichiza igazi, waqonda kwangoko uNodita ukuba ebekrwithswa nguSpido. Utsibile uNodita emzuzwini waya kunina wafika wamshukumisa ekhala esithi, “Mama! Mama!” Usuke uWeziwe washukuma wonke. UNodita ubeke isandla esifubeni kunina weva ukuba akasaphefumli nentliziyo ayisabethi. Wayelishiyile eli lizwe uWeziwe.
3. Uthe akuyiqonda loo nto uNodita wamyeka unina, waphakama ezekelela ngathi uyonqena, wee guququ wajonga kuSpido. Uye wasonga amanqindi, wasuka wamana ukunyukelana, engangcazela, amehlo akhe sele engathi ataka iintlantsi, ebebezelisa umlomo. Usuke wagragrama ngelizwi elisuke ngesiquphe labutshothorha wathi, “Umbulele umama! Ntondini! Sigebengandini umbulele!” Utsho waziphosa kuSpido-bahlangana ekudala bezondana. Idabi elaliwa kwelo gumbi laba likhulu kakhulu, kunjalonje kungavakali bugulukungqu, kuvakala izandi zezithonga kuba kuhlange amachule. USpido wayesilwa ethe gqa amehlo kukothuka kuba wayengamazi ukuba uNodita ulwa kangako. UNodita wayezolile, sele ebonile ukuba icebo lokoyisa uSpido linye qha, kukuphepha kangangokuba angakwazi ukufikelela kuye ngalo naliphi na ilungu lomzimba agalela ngalo. Kaloku wayemkhulu kunjalo nje enamandla angummangaliso. Ukongeza koko uNodita wazimisela ukumhlala kwiindawo ezinomxhelo njengephango, umbhono novalo wabe ehlala ahlale amqhokre emadolweni emaqatheni nasezingqinibeni. Kaloku ezo yayiziindawo awaye ethe uThupeni kufuneka ahlale kuzo xa alwa nomntu ambonayo ukuba ujonge ukumbulala. Wayethe umlomo, iimpumlo nobuso bonke ziindawo amakazibethe xa emohlwaya nje umntu.

4. Batsho, batsho, kwada kwacaca ukuba izithonga zikaNodita ziyamkhulela uSpido. Kaloku wayengakuqhelanga ukulwa ixesha elide. Wayesilwa nje umzuzwana ngamalungu omzimba abe sele erhola imela awaye ke ebagqiba ngayo abantu kuba wayelichule ekuyisebenziseni. Lathi lakuhamba ixesha besilwa noNodita wasuka wadinwa wakhefuzela ebile ethe xhopho. Kwakungekho gazi kuba ekubeni yena wayengamfumani uNodita ngamagalelo akhe noNodita wayengabethi zindawo zikhawuleza ziphume igazi, njengomlomo neempumlo. Kwakubonakala ukuba utyhafiswa nayinto yokulwa nomntu ophole ngolo hlobo kuba yena wayeqhele ukulwa nabantu abanomsindo kakhulu nabaye badyuduzele njengaye. Wayesithi nokuba uwile angamqushi uNodita amlinde avuke, babuye bahlangane. Kaloku intokazi yayisithi isilwa nje kube kuyo engqondweni kuthe tha-a uThupeni noDudu wasesiseleni. Kubo bobabini wayefunde ukuba umntu akaqushwa xa ewile koko uyalindwa ade aphakame.
5. Zithe zakumkhulela izithonga uSpido wee jaju phaya, wathi kuNodita, “Uyabona ndlavinindini, lijonge uligqibelise namhlanje. Kungona uza kubona oyena Spido ngoku, umbone okokugqibela phambi kokuba uye kuyihlo uSathana esihogweni. Ndiza kuya kubhantinta ngenxa yakho. Yifani nobabini zingcolindini zabangcatshi.” Akuba etshilo uSpido uthe gontshi phantsi kwebhedi, wathi gqi nentshengeca yezembe, waya kuNodita. Uthe akubona izembe liphakanyiselwe phezulu yindoda engako uNodita wangenelwa kukoyika.

[Icatshulwe kwincwadi-Kazi ndenzeni na, ngokubhalwa ngu R. F. Mcimeli, iphepha lama-206 nelama-218 – 220 yaza yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 La mazwi abuhlungu kangaka akulo mhlathi athethwa ngubani? (1)
- 1.2 Tyumba izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba uWeziwe wayesele ezinikezele ekubeni lixhoba lokuxhatshazwa nguSpido. (2)
- 1.3 Le ncoko yesi sibini iphazanyiswe yintoni? (1)
- 1.4 Ngokokwakho ukucinga uWeziwe wayemele ukuba uye waya kulufumana phi uncedo njengoko wayexhatshazwa? Xela zibe MBINI. (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.5 NgokukaNodita umama wakhe wayebulewe njani? (1)
- 1.6 Yintoni emenze uNodita waqiniseka ukuba unina akasaphili? (1)
- 1.7 Ngoncedo lwegama elikwisibiyeli yakha isaci okanye iqhalo elithetha into enye nale ntetho ithi “Wayelishiyile eli lizwe uWeziwe”. (Inqawa) (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.8 **Yinyaniso okanye bubuxoki**, ze uyixhase impendulo yakho. Ukungcangcazela nokubebezela komlomo kaNodita kwakubonisa uloyiko. (2)
- 1.9 Ngokwakwiscatshulwa buchule buni owabusebenzisayo uNodita kulo mlo wakhe noSpido ukuze uSpido ancamele ekurholeni izembe? Xela ibe NYE. (1)
- 1.10 Ngokokubona kwakho **kulungile** okanye **akulunganga** ukuba uNodita alwe notata wakhe? Zixhase (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.11 Xa esoyisakala ekulweni ngomzimba uSpido wayebhenela ekuncedweni yintoni? (1)
- 1.12 Khetha igama elingangqinelaniyo negama “wayelichule”:
- A wayeyincutshe
 - B wayeyingcungela
 - C wayelikroti (1)
- 1.13 **Yinyani** okanye **asiyonyani** ukuba uNodita wayekhe wabanjwa? Caphula apha kwiscatshulwa uzixhase. (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.14 Tyumba igama elingqinelana negama “intshengeca yezembe”
- (a) libukhali
 - (b) libuthuntu
 - (c) Lilolwe ngolona hlobo (2)
- 1.15 Nika intsingiselo yegama **ukubhantinta** ngokwalapha kwiscatshulwa. (2)

UMFANEKISO

Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo ze uphendule imibuzo esekwe kuwo:

elentengiso 

CAIVIL COLOUR SHINES



RILEKSA



DAYA



KHAZIMLISA

INGXAKI: UMakosazana Sibanyoni uyakuthanda ukudaya iinweleni zakhe kuba kutshintsha inkangeleko yakhe ngoko nangoko. Kodwa ke, ubesoloko exelelwa ukuba akanako ukurileksa iinwele aphinde azidaye ngosuku olunye kuba loo nto ingenza iinwele zakhe ziqhawuke. Oku kuthetha ukuba usoloko ehamba esaloni engagqibanga ukulungisa iinwele zakhe.

ISISOMBULULO SECAIVIL: ICAIVIL Colour Shines Semi-Permanent hair colour yidayi yokuqala elolu hlobo, ivumela uMakosazana ukuba arilekse aphinde adaye iinwele zakhe ngemini enye! UMakosazana ukhethe umbala okuthiwa yiRacy Wine. Le dayi AYINAYO i-*ammonia*, AYINAYO i-*peroxide* kanti AYINABO notywala, okuthetha ukuba uMakosazana akanaxhala lokuba iinwele zakhe ziza kuqhawuka okanye zimoshakale. ICAIVIL Colour Shines Semi-Permanent hair colour yegquma unwele ngalunye, ngekondishina kunye nombala ojijileyo okhuselekileyo ongenabukhali. Ivuselela iinwele, izishiye zithambile zikhazimla!

ICEBO LECAIVIL: ICAIVIL Colour Shines Semi-Permanent hair colour ingasetyenziswa kanye emva kokurileksa. Qiniseka ukuba irileksa ihlanjisiwe phambi kokufaka iCaivil Colour Shines hair colour. [x]



BONA XHOSA May 2010 57

- 1.16 Kutheni amagama CAIVIL COLOUR SHINES ebhalwe ngefonti enkulu nje? (1)
- 1.17 Yimveliso yakwabani le ithengiswa apha? (1)
- 1.18 **Yinyani** okanye **bubuxoki**, uze uzixhase xa kusithiwa.
Xa udaya iinwele zakho zitshintsha zibe mnyama kuphela. (2)
- 1.19 Xa wena kunokuthiwa zikhethela uhlobo olunye kwezi mveliso ungakhetha eyenza ntoni kwiinwele zakho? Kuba kutheni? (2)
- 1.20 Xa wena uzijongile iinwele zezi nzwakazi ziyangqina ukuba okunene zinonotshelwe yaye le mveliso iziphethe kakuhle? **Ewe** okanye **Hayi**, ze uzixhase. (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

- Chonga iingongoma zibe si-7 ze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo. (7)
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ushwankathela ngawakho amazwi kodwa ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zokubhala nomsebenzi ococekileyo.
- Shwankathela ngamagama aphakathi kwama-60 ukuya kuma-70.
- Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngokuchanekileyo ngezantsi kwesishwankathelo. (3)

INTO EYANDINCEDA NDAYEKA UKUBA YINDLOBONGELA

Yintoni ebangela ukuba umntu abe yindlobongela? Ndafunda ubundlobongela ndisengumntwana kuba ndandihlala neendlobongela. Utata wayelilungu loonogada baseSpeyin ababedume ngokohlwaya abantu ngokungenalusini. Utatomkhulu wayedla ngokutyatyusha utata ngexa wayesakhula, ngoko ke notata wayendiphatha ngaloo ndlela. Wayedla ngokundibetha ngebhanti. Okubi nangakumbi kukuba wayedla ngokuthi ndisisibhanxa, ngelixa wayezibetha ngoyaba iimpazamo zikadadewethu. Umama wayemoyika utata, ngenxa yoko akazange aphose nelimdaka ukuze andithethelele okanye andinike uthando endandilufuna.

Xa ndikunye nabanye abantwana esikolweni ndandiye ndiyifihle intlungu endikuyo ndizenza ngathi ndonwabile. Kwabanye abantu ndandibonakala njengomntwana owonwabileyo nonethemba ngekamva. Kodwa yayibubuxoki yonke loo nto. Ndandilufihla uloyiko nomsindo endandinawo. Kodwa ekupheleni kosuku ndandibuyela ezingqondweni njengoko ndithe chu ndisiya ekhaya, ndicinga ngezithuko nemivumbo endiza kuyifumana.

Xa ndandineminyaka eli-13 ubudala ndemka ekhaya ndaya kufunda kwisikolo secawa apho ndafika ndahlala ehotele. Ndisemncinane ndandifuna ukuba ngumfundisi. Kodwa nasesikolweni ubomi bam abuzange butshintshe kangako. Kwakufuneka sivuke ngentsimbi yesihlanu ekuseni sihlambe ngamanzi abandayo. Imini yonke yayingekho into esasiyenza ngaphandle kokufunda, ukuthandaza nokuya ecaweni ibe sasinexesha elincinane lokuphumla. Nangona sasifunda ngamabali "eengcwele" kwesi sikolo, iBhayibhile yona yayingafundwa. Ekuphela kweBhayibhile eyayikhona yayivalelwe etyesini yaye kwakufuneka ucele imvume ngaphambi kokuba uyifunde.

Kunyaka wam wesithathu kwesi sikolo, sasidla ngokuzibetha njengoko sasikhuthazwa yicawa ukuba senjenjalo. Ndandidla ngokuzingxala ngokutya ukuze ndigule khon'ukuze ndibaleke ezo ntlungu zokuzibetha. Kodwa elo cebo alizange lisebenze. Emva kweminyaka emalunga nemithathu, ndandingasakwazi ukumelana nalo mpatho. Ndemka kweso sikolo ndaza ndabuyela ekhaya. Ndandineshumi elinesithandathu leminyaka ubudala. Ukufika kwam ekhaya ndaqalisa ukudlala amanqindi nomdlalo wewrestling. Ukuphumelela kwam kule midlalo kwandenza ndaziva ndingumntu okhululekileyo kodwa loo nto yandenza ndaxelisa utata ngokusebenzisa izigalo xa ndifuna into. Xa ndandineminyaka eli-19 kwenzeka into eyatshintsha ubomi bam. Ndadibana noEncarnita yaye kwiinyanga ezilithoba emva koko satshata. Wayecinga ukuba ndingumntu onobubele, imbeko nenkathalo. Wayengayazi intlungu endikuyo.

[Icatshulwe kwiphephandaba iVukani ka Aprili 2011, iphepha 21-22, yaza yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuwo:

Abantu babeyinkungu nelanga eLamontville kumvulo wendlu yecawa. Abefundisi babephuma eMthatha, eBhayi, eMonti nangaphandle kwabalapho eNatala. Imini yayilivumele eli theko, kwakungekho nelifu ilanga ligqats'ubhobhoyi. Ngaphakathi ecaweni, yayilucwangco nje kodwa, izithethi zazihleli kwicala elilodwa. Inkqubo singathi yayiyinthetho evangwe ngomculo kuba emva kwesithethi ngasinye kwakutsholoza ooxholovane. Mfo, kwakudlan'iintsimbi! Owayenokungxola wayenokuzibona ephoxekile kangangendlela ekwakuthe nzwanga ngayo, phaya phandle kwakuphithizela abapheki nabanye abaququzeleli bomcimbi.

- 3.1 Nika isithetha-ntonye segama elinomgca ngaphantsi.
"Inkqubo singathi yayiyinthetho evangwe ngomculo". (1)
- 3.2 Lungisa eli gama libhalwe ngqindilili ulibhale ngendlela eyamkelekileyo.
"Inkqubo singathi **yayiyinthetho** evangwe ngomculo" (1)
- 3.3 Abantu abayinkungu nelanga ngabantu
- A abaninzi kakhulu
- B abantu onako ukubabala
- C liqaqobana labantu (1)
- 3.4 Nika intsingiselo evezwa ligama **kwakutsholoza** kwesi siqwengana, ube sele unika nenye intsingiselo engeyiyo le ivezwe apha. (4)
- 3.5 Amagama akrwelelwe imigca ngaphantsi asetyenziswe njani kwezi zivakalisi zilandelayo:
- (a) Imini yayilivumele eli theko (1)
- (b) Owayenokungxola wayenokuzibona ephoxekile kangangendlela ekwakuthe nzwanga ngayo. (1)
- (c) Kwesi sivakalisi silandelayo eli gama likrwelelweyo lenze msebenzi mni?
Ngaphakathi ecaweni yayilucwangco. (1)

[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Kha unike intsingiselo yala magama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo:
Thina luntu luNtsundu sisoloko sibonisa ubuntu kwiindwendwe. (2)
- 4.2 Xela ukuba izimamva ezibhalwe ngqindilili zibonisa ntoni:
- (a) Kowu! Ukuba kuhle kosan**ana** lwam. (1)
- (b) Ndazibona ndikwilizwe**kazi** lobisi nobusi ndakufumana iziphumo zam ndiphumelele. (1)
- (c) Umfundi wonwab**isa** abanye. (1)
- 4.3 Chonga isenzi esikuhlobo lokubalula kwesi sivakalisi singezantsi:
Ndiyamthanda umntwana ofundayo. (1)
- [6]

UMBUZO 5

- 5.1 Khetha kwezi mpendulo ozinikiweyo ukuba esi safobe sisiphi:
Saqhekeka iintloko zezo zifundo.
- (a) Isihlonipho
- (b) Ubaxo
- (c) Isikweko (1)
- 5.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo evumayo:
Abazi kuphumelela abafundi kulo nyaka. (1)
- 5.3 Sebenzisa isiqu sesenzi –**cheba** kwisivakalisi sithabathe iinjongosenzi ezimbini ube sele ubonisa injongosenzi ethe ngqo nengathanga ngqo. (4)
- 5.4 Ngoncedo lwegama elikwisibiyeli dibanisa ezi zivakalisi zibe sisivakalisi esinye.
Umfundi uyaziphumelela iimviwo zakhe. Umfundi ofunda ngokuzimisela. (xa) (1)
- [7]

UMBUZO 6

Qwalaselisisa olu hlelo oza kululandela kuhambo lwakho njengoko uwine ukhuphiswano olukukhuphela eNgilani, uze uphendule imibuzo elandelayo:

15-10-2012	Rhawuti- London SAA BOEING 707 Khwela i SAA BOEING 707 ngo-18h00 eO.R. Tambo Airport ufike eLondon ngeye-8 kusasa
16-10-2012	London Khwela ibhasi esangweni engunombolo 10 ekusa ehotele iHollywood.
17-10-2012	London Khwela ibhasi engunombolo 10 ekusa kuloliwe oza kukujikelezisa kwiindawo eziphambili.
18-10-2012	London Khwela iteksi eza kukusa emyuziyam ze emva kwemini ikuse kumnyhadala womculo oseBradford.
19-10-2012	London Uza kuthathwa yiteksi esangweni ehotele ikuse kwisikhephe esikumlambo iThames uye konwaba khona
20-10-2012	Uza kuthathwa yiteksi ikuse kwivenkile oza kuzikhethela kuyo iimpahla emva koko ikuse kwisaluni uye kulungiswa iinwele ube sele ulungiswa nolusu.
21-10-2012	London – Rhawuti Ngeyesi-8 kusasa lindela ibhasi eza kukulanda ikuse kwisikhululo seenqwelo-moya eLondon ze ukhwele ieroplani iSAA BOEING 707 egodukayo ze ufike eRhawutini emini emaqanda

- 6.1 Uza kukhwela eyiphi i-eroplani ukuya phesheya? (1)
- 6.2 Xa kunokufuneka ukhethe into enye kwezomhla we-18 ungakhetha yiphi? Ngokuba kutheni? (2)
- 6.3 Olu hambo luza kuphela nini? (1)
- 6.4 Emini emaqanda kungaliphi ixesha? (1)
- 6.5 Ziiyure ezingaphi ukusuka eO. R. Tambo airport ukuya eLondon ngenqwelo-moya? (2)

[7]

AMANQAKU ECANDELO C: 30**AMANQAKU EWONKE: 70**

